# Inkcazelo Yokufuduka NeeVisa Zamaxhoba Obundlobongela Besondo Nokubethwa

Abafundi nabaphengululi abavela kwamanye amazwe abanemibuzo ngemo yabo yokufuduka neevisa bacetyiswa ukuba bacele uncedo kwigqwetha lokufuduka. Olu xwebhu luyindlela yokucacisa iinkalo ezithile zomthetho, kodwa aluthathi indawo yecebiso lezomthetho.

**Ndilixhoba lokubethwa, ngaba imo yam yokufudukela elizweni iyakuchaphazela ukufikelela kwam amalungiselelo ekhampasi?**

Hayi. Phantsi komthetho, abafundi nabasebenzi abangamaxhoba okanye abasinde kubundlobongela besondo nokubethwa bafumana amalungelo afanayo phantsi kweSolotya IX le-1972 Education Amendments (Title IX) nakwi-Violence Against Women Act (VAWA), kungakhathaliseki ukuba basuka kwelinye ilizwe okanye imo yevisa ithini.

Inkcazelo engamalungiselo onyango nawoluleko asekhampasini, kunye neendawo zokuhlala ezifumanekayo, zinokufunyanwa kule webhusayithi: https://www.tntech.edu/healthservices/

Inkcazelo ngenkqubo yokuziphatha kwabafundi inokufunyanwa kule webhusayithi: https://www.tntech.edu/policies/

IKholeji ayiyi kuziphindezela kuwe okanye ikuphathe ngendlela eyahlukileyo ngenxa yokuba uxele ulwaphulo-mthetho.

**Ngaba ndingakwazi ukufaka isimangalo njengomntu ovela kwelinye ilizwe ngokusemthethweni okanye ngokungekho mthethweni?**

Ewe. Inkcazelo ngengcaciso yephondo lakho ngokuhlukunyezwa ngokwesondo, ukubethwa ngumntu otshate naye, ubundlobongela bomntu othandana naye nokulandelwa inokufunyanwa kwiAnnual Security Report: https://www.tntech.edu/police/annual-security-report

Imibuzo ethile malunga nokufakela iindleko zingabhekiswa kuyo:


Zeva Edmondson, Title IX Office
1 William L. Jones Dr., Derryberry Hall 256, Cookeville, TN 38505
931-372-3112
https://www.tntech.edu/titleIX
zedmondson@tntech.edu


**Ngaba ikho imo yevisa neyokufuduka aba kuyo amaxhoba olwaphulo-mthetho?**

Ewe. Kumaxhoba okuhlukunyezwa ngesondo, ukubethwa ekhaya, ukubethwa ngumntu ozikhuphe naye nokulandelwa, zikho izinto onokukhetha kuzo kwivisa, eziquka iiU kunye neeT Visa. Ukuze ufumane ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko.

| U Visa | T Visa |
|---|---|
| Kumaxhoba okuhlukunyezwa emzimbeni nasengqondweni ngenxa yesenzo sokwaphula umthetho, esiquka ukuhlukunyezwa ngokwesondo, ukubethwa ekhaya, ukudlwengulwa, ukubethwa, okanye olunye ulwaphulo-mthetho<br>-Ixhoba/umfaki-sicelo umele abe lixhoba lesenzo solwaphulo-thetho esifanelekayo kwaye ancedisane nophando kunye/okanye nokutshutshiswa kweso senzo solwaphulo-mthetho<br>-Idla ngokusebenza iminyaka emine<br>-Ukuba ufuna ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko, ujonge le webhusayithi:<br><br>http://www.uscis.gov/humanitarian/victims-human-trafficking-other-crimes/victims-criminal-activity-u-nonimmigrant-status/victims-criminal-activity-u-nonimmigrant-status | Kumaxhoba okuthinjwa kwabantu<br>-Amele ahambisane ngokwanelayo namagosa omthetho kuphando okanye ekutshutshiseni isenzo sokuthimba abantu (ngaphandle kokuba awakwazi ngenxa ikyokonzakala okanye ukuphazamiseka engqondweni), kwaye umele akwazi ukubonisa ukuba ixhoba/umfaki-sicelo uza kutsala nzima kakhulu ukuba uyahanjiswa eUnited States<br>-Idla ngokusebenza iminyaka emine<br>-Ukuba ufuna ingcombolo, thetha negqwetha lemfuduko, ujonge le webhusayithi:<br><br>http://www.uscis.gov/humanitarian/victims-human-trafficking-other-crimes/victims-human-trafficking-t-nonimmigrant-status |

**Ngaba ikho iofisi ekhampasini enokundinika inkcazelo engakumbi?**

I-International Student and Scholar Services Office inokukunika inkcazelo eluncedo ngemo yokufuduka. Phawula ukuba kwimibuzo enokwenza notshintsho kwimo yezinye iivisa, okanye ukhetho lwezomthetho olungaphandle kweevisa zabafundi zenqqanaba F-1 noJ-1, okanye iivisa ezibhatalwa ngumqeshi, thetha negqwetha lemfuduko.

| **Ukhetho LweeVisa** | |
|---|---|
| Iivisa zabafundi zeF-1 neJ-1<br>• Ukhetho lokucela ukuphungulelwa iikhosi ngenxa yempilo oluqinisekiswe ngugqirha onelayisensi, ugqirha we-osteopathy, okanye ugqirha wokusebenza kwengqondo<br>• Ukhetho, nemiphumo, yokurhoxa kwizifundo zakho<br>• Inkcazelo ngokubuyela kwizifundo zakho kamva, ukuba umfundi ukhetha ukurhoxa<br>• Ukhetho nemiphumo kumaqabane aze nabo<br>• Inkcazelo ebanzi ngokhetho lokutshintsha imo yevisa.<br>• Inkcazelo ebanzi ngeevisa zeU nezeT. (Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo)<br>• Ukuthunyelwa kwigqwetha elifanelekayo | Abasebenzi beH-1B, O-1, E-3, okanye beTN<br>• Ukhetho lokucela emsebenzini, kunye nemiphumo kwimo yakho yokufuduka<br>• Ukhetho nemiphumo kumaqabane aze nabo<br>• Inkcazelo ebanzi ngokhetho lokutshintsha imo yevisa. Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo<br>• Inkcazelo ebanzi ngeevisa zeU nezeT. (Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo)<br>• Ukuthunyelwa kwigqwetha lemfuduko elifanelekayo<br>• Ukulinda iincwadi zokuba ngumhlali eMerika (ikhadi eliluhlaza alikagunyaziswa)<br>• Ifuthe lokushiya umsebenzi wakho kwisicelo sakho sokuba ngumhlali esixhaswa ngumqeshi;<br>• Ukuthunyelwa kwigqwetha elifanelekayo |

**Yintoni igqwetha lemfuduko ibe lenza ntoni?**

Amagqwetha emfuduko ngamagqwetha aneelayisensi ajongene nomthetho wemfuduko. Aba ngabameli babantu, kwaye anokubamela kumaziko emfuduko, kwiinkundla zemfuduko nasekuzaliseni izicelo zokufumana iinzuzo zemfuduko. Igqwetha linokunikala ngeengcebiso ezibanzi kwaye linokuchaza ukhetho analo umntu kwezemfuduko. Njengawo onke amagqwetha, amagqwetha emfuduko alawulwa yimiyalelo yokuziphatha neyomthetho, kwaye awazichazi izinto azithethe naloo mntu ammelayo.

**Ndinokulifumana phi igqwetha lemfuduko ekuhlaleni?**

| | |
|---|---|
| I-U.S. Citizenship and Immigration Services (USCIS), licandelo le-Department of Homeland Security (DHS), linikela ngeendawo ezimbini ukuze abantu bafumane amagqwetha asimahla okanye angabizi mali ininzi:<br>USCIS: Fumana Uncedo Kwikhasi Lakho Loluntu | <br>USCIS: Fumana Ikhasi Leenkonzo Zomthetho |
| I-Board of Immigration Appeals (BIA) inikela ngoludwe lwamagqwerha ngokwamaphondo anikela ngeenkonzo zemfuduko simahla okanye ngexabiso eliphantsi. | |
| I-American Immigration Lawyers Association (AILA) inikela ngeImmigration Lawyer Referral Service kwi-intanethi enokunceda umfundi okanye umphenguluтретьи afumane igqwetha lemfuduko. | |
| I-American Bar Association nayo inikela nangenkcazelo yokufumana iinkonzo zomthetho ngokwamaphondo. | |